# PASCOE (U FOLOKOCO)

Niyazi apo ningamfumana kona. Uyazibulisa izihlobo zake ezintsundu.
Ufuna ukuzikumbuza ukuba usandulu kufumana into eninzi yempahla ezintsha ezivela e NGILANE :—

## IZIHLANGU ne SHUZI!

EZABAFAZI i SHUZI 3/6 nge pair
EZINEMITYA 4/6 nge pair
EZAMADODA ,, (ezomeleleyo) 7/11, 8/6, njalo njalo
EZILUKUNI (Bluchers) 8/-nge pair

Ingubo Zamadoda Zokunxiba (ngokukodwa) Ezokutshata — Uyezvana.
Asiwalibele Namanenekazi Ilokwe Ezimhlope ze Setini ziqala kwi 30/—Qonda i £1 10/- qa.
(Izigubungelo, Amagqabi, Ezokutshintsha Ilokwe, ne Ndilokwe, njalo njalo.
Eyengeji neyokutshata imisesane Amacici, njalo njalo

[TYALI ne PRINT! zake ziyalicimilanga, Ningazilibali ITYALI zake.
[ FLANELE ziqala kwi 3d. nge yard.
[ kavala zamabhayi zobusika ezinoboya 6d. nge yadi
[ KELEKO e Brown 3d. nge yadi—ummangaliso.

## KWA FOLOKOCO,

Nge Nqu—"SALUF,"
Ezantsi Kwetyalike yama SKOTSHI, E QONCE.



# Thomas Bailey & Co.

E QUEENSTOWN,
BASANDU KUFIKELWA YIMPAHLA ENINZI

IZIHLANGU, ISHUZI, :
kwane SLIPPERS, '

ZONKE BAZITENGISA
Ngamanani alula apa Safafika

I Veldtschoen zama doda ziqala kwi 4/6.
Ezibotshwayo ,, nenekazi 4/-
(ZINOLUSU KANYE).
I Slippers, ziqala kwi 2/6.

*BONKE MABEZE KUZI KETELA.*


## ISAZISO EZIBUKALI

# LANDIPASI.

IGQIRA Lempahla le-Koloni liyaleza kakulu ukuba makuti kwakudlula intsuku ezilishu mi ziqatshulwe ngenyongo, inkomo zibuye ziqa tshulwe nge *Gazi lika Landipasi.* Ikomiti seyiyalele Igqira Lempahla elikwi Station No 1. (kwifama ka Petshu) ukuba lilungise Igazi elifunekayo, Nabaqapuli bazilungiselele ukuqo kela ngegazi lika Landipasi. Abanenkomo abafuna ukuba ziqatshulwe, bayacelwa ukube babekise kwi Gqira elikwi Station No. 1. Ezi ndawo zobuye zilungise nakwi Station No. 2 Emngqesha.

Ngomyalelo,
ALLAN J. CAMPBELL,
Unobhala we Rinderpest Committee

Kwi Ofisi ye Komiti ka Landipasi,
Eqonce, 6th August, 1897.


# IFandesi Elikulu Letyali

KWA

# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

Eze 6s. ITYALI Zitotywe zayi.. 4s 6d
,, 7s. ,, 5s
,, 8s. ,, 6s
,, 10s. ,, ,, 7s 6s
,, 12s. ,, 9s
,, 14s. ,, 10s
,, 18s. ,, 12s
,, 25s. 18s
,, 30s. ,,,, .. 20s

Kwa GIBBERD and BRYANT
E-QONCE.



# ORSMOND'S

PREPARATIONS

## GREAT AFRICAN REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC MEDICINE
FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
*Vide PAMPHLET*

## ANTI-RELAX

GUARANTEED SPECIFIC
FOR COLIC, DIARRHOEA, DYSENTERY, AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.

## BLOOD PURIFIER

FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS, SORES, SYPHILIS, SCROFULA. UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.

## FRUIT PILLS

FOR LIVER, STOMACH AND BOWELS PILES AND CONSTIPATION. ARE MILD AND EFFECTIVE.

## HERBAL OINTMEN'.

FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES, RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.

PREPARED by G. E. COOK,
MEDICAL HALL,
KING WILLIAM'S TOWN



Kangel'apa!

Kangel'apa!

U F. S. FAWKES, Cathcart Road, Queenstown, osele namava eminyaka elishumi elinesihlanu erweba pakati kwaba ntsundu e Herschel, Basutoland, nase Komani, usandula kufikelwa zinto eninzi ze MPAHLA ZIVELA ENGILANI, ngezi nqanawa Scot, Mexican, ne Spartan. Umema zonke indidi zabantsundu ukuba zize kuzibonela kule mpahla pambi kokuya kwezinye evenkile. Amanani ake uti alula kunezinye ivenkile zase Komani, kanipauli kwezi zinto—

Ikofu ll ½ d per lb., Iswekile entle 29s. ngekulu le ponti, Izihlangu Zamadoda ziqala kwi 5s., Ibhulukwe 3s. 6d., Ihempe 1s., leaps 3d.. Iminqwazi Is., Iprinti 3d., 4d,, ne 6d., Izitesi 1s. 3d., Ifaskoti 9d. Iblauzi 1s. 3d., 1s. 6d., 2s , Ibatyi 5s. Ezi ke zezimbalwa kwimpahla efumbileyo ngamani alula.

QONDANI APO AKONA:
F. S FAWKES
(Ujongene no J. HODGES & Co.)
QUEENSTOWN.





# ISISULU!!

Izihlangu ezitshipu

ABANTSUNDU BOFUMANA
UKUBA O

W. M. Cuthbert co.
KWI BALA LE MARIKE, EQONCE.

BANEZONA ZIHLANGU ZILUNGE KWAYEKWA, ne SHUZI. ZINJALO NJALO ZEZAMANANI ONKE.



# J. LAMONT,

NKATULA ! NKATUL A

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.


U
J. L
Unga angacela amehlo ecelela imfumba anazo zo Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, —ngazwinye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga aviwe ngapambili e Queenstown.

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/; Imixokeleiwana yokutsala, yenkabi 10, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge l00lbs ; Ikofu 1/ ngeponti.

Kwakona unemfumba yengubo ezingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluleke ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo beta bangapandle ukuba batenge,

IMVELISO.
Awona manani apezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, njalo njalo, njalo njalo.

J. LAMONT,
Kwi Boloro yakwa Komani,
QUEENSTOWN.


# J. HILNER,

Umenzi-Wotshi
Nemisebenzi Yobedu
E-QONCE.

Xana ufuna Iwotshi, Intsimbi Ezinkulu Zamaxesha, Nempahla Yentsimbi Yentlobo zonke—kubhekiswa kuye.
*Ikipala ezilungueyo ze Golide; Imisesane yokungeja neyokutshata iqalela kwi* 7s. 6d. *umnye.*
Abamgama bayitunyelwa Impaha nge Fosi ngepanyazo


## Isaziso Esibukali.

# UKUTOFA NGEGAZI.

IGQIRA Lempahla liyaleza kakulu ukuba Inkomo ezifayo ngesizatu sokuqatshulwa ngenyongo, MAZIKWELELIS WE EMANZINI.
Mazisele " itamo " kupela (half a drink) ngemini, zigcinwe kwindawo efudumeleyo, zikuselwe emvuleni.

Ngomyalelo,
ALLAN J. CAMPBELL,
Umbhali

Kwi Ofisi ye Komiti ka Landipasi,
E Qonce, Aug. 19th, 1897.


## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucalelwa nknba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.
1/6 ihotile.

Elika
COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Elika
COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipils,
1/ ngebokigana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngegiqunyana

Oka
COOK Umciza we Cesine. 3/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.
*Ngawenkohliso angenalo igama lake*

Owatengisayo 6 Mount Frere, ngu Mr. J. J YATES, "Umatendela '



## G.P. PERK NO NYANA

E QONCE,
YEYONA NDAWO YOKUTENGA
*Imisesane yoku " Ngeja,"*
*Imisesane Yokutshata,*
*Amacici Namehlo (Spectacles)*
KANANJALO XA UFUNA
*UKUHLAZIYA .·. IWOTSHI.*

MARKET SQUARE,
Kingwilliamstown.


### Ukwazisana Kwezihlobo.

Abazelweyo.

KLAAS,—Inkosikazi ka ROBERT JOHN KLAAS, wase Tyinira, izuze intombi nge 22 July, 1897. Izihlobo mazivuye naye, na ngamazibulo ake lawo. Isapila inkosikazi kunye nosana. [3268

Abatshatileyo.

MBANGE-MJOKA. — Kutshatiswe ku Tsolo, ngu Rev. P. Tuta, u GILBERT PETER, unyana omkulu ka Levi Mbange, no MAGDALENA, intombi enci ka James Mjoka. [1

Imibiko.

ZIHLANGU.—Kubube kwa Nabileyo, Transkei, nge 17 August lo, u PETER ZIHLANGU. Yindoda endala yase Lizwini, umshumayeli wamzuzu, obebalulekile. Izihlobo mazanele ngulombiko. [399

SHOSHA,—Kusitele kukufa e Qanda (Debe), inkosikazi ka JACOB SHOSHA, nge 13th August, 1897, ekuseni. Umkele e Nkosini yake eshiya inkedama ezisixenxe. Umke lihlaba emva kweveki enye nentsuku ezintlanu ese zintlungwini ezinkulu. Izihlobo, Pesheya kwe Nciba, Hewu, Gaga, nase Ngqushwa, mazanele ngalombiko. [329

MBEKI.—Kubube e Maxesibeni, kwa Jojo, ngomhla wesibini ku August 1897, u MABEL, intombi yamazibulo ka Joshua G. Mbeki. Ubudala zinyanga ezintandatu nentsuku eziyi 26. Izihlobo mazaneliswe ngumbiko. [1

---

NOJEKWA. — Kubube e Xonxa, Glen Grey, nge 19 August 1897, u SARIANNE NOJEKWA, intombi ka November Nojekwa. Izihlobo mazanele ngulombiko.

Umkile, kodw' akalityelwe
Engasoze alityalwe
Kuyakum' ingo ing' ezikuyola
Ap'abekwe kona. [6309

DIED,—At Xonxa, Glen Grey, 19th August, 1897, SARIANNE, beloved daughter of November Nojekwa, aged 22.

She is gone, but not forgotten,
Never shall her mem'ry fade ;
Sweetest thoughts shall ever linger
Round the spot where she is laid, (6309


### Kufunwa.

ITITSHALA enesiqiniselo yokuncedisa kwisikolo samakwenkwe e Peelton, ngo October 11. Umvuzo woba zi £32 ngonyaka. Kobalelwa ku
REV. M. H. WILSON,
Peelton, *via* King William's Town.

ITITSHALA eyinkazana yokuncedisa kwisikolo se Dipente esise Murraysburg; umvuzo yi £24 ngonyaka. Kufunwa umntu onolwazi ngokutungisa nezinto ezinjalo; oqeleneyo ne Tonic- Sol-Fa ngoyena unganelisayo. Abafuna londawo mababekise ku mongameli u
W. T. HUGHES,
6239] Murraysburg.

UMNTU ontsundu okwaziyo ukupeka. Owufunayo lomsebenzi makaye ngesituba esipakati ko 9 no 12 emini, nokuba kungalupina usuku, kwa
MRS. BEN RYAN,
Buffalo Road,
6309] King William's Town,



HEYI! HEYI!

## IKAYA LABAHAMBI,

LIVULWA ngomhla we 5th JANUARY, 1897, ngasemva kwe Sitandati Banki lifanele zonke indidi:— Abefundisi, Izityudini, Abantwana base Zikolweni, Amaledi, Nabantwana banga pandle, Ungaze uti uze e Town ungezi kusivelela. Utyebise awako amakangelo wobona igama elikulu cTli " Welcome," telekisa ke ukuba akunjalo na. Yonke into iko betu.
E. J. S. BANGAZI, Agent's Clerk, Umtata.



## INCWADI YENKONZO ZEHLELO

LASE RABE .

I NCWADI elilungelo labo bonke ABAKOKELI, ABAVANGELI ne REMENTE yenkonzo zama Hlelo ase RABE.
Inenkonzo ezinjenge ZOKUNGCWABA, UKUNGENISWA kwatna DIKONI ebu DIKONINI, IMITSHATO, njalo njalo.
Ziyakuba luncedo ukunika ukwazi kumntu ngamnye ose Rementeni.

IGUQULELWE ESIXHOSENI NGU
REV. W. RUBUSANA.

Zinokutengwa kuye, East London ; nakwi Ofisi ye " Mvo Neliso Lomzi," King Williams Town. 6d inye. Itunyelwe nge Posi 7d. Umqulu Weshumi elinambini 5s 6d, ngeposi 6s.


### Isaziso nge Ntlanganiso.

TINA, abamagama angezantsi apa, siya wucela umzi Ontsundu ngentobeko nangembeko, siwubongoza ukuba lemizi ingezantsi idibane Entlanganisweni e EARDLEY, ngolwesi

HLANU, 3 SEPTEMBER, 1897, ngo 10 o'clock kusasa :—I KAMASTONE ne OXKRAAL. Masingafi namtanyana.

Ezenu izicaka,
CHA. MKUMATELA .
MCDONALD J. KUTA Emtabazo.


## Imvo Neliso Lomzi

Abaxasi mabangatameli umrumo wabo nge zitampu ze peni, kodwa nge Pepa le Posi, Kude kungabinani eze ½ d nezinye.

Imifanekiso etnbalwa ye Nkosazina ye Dyibili inokufunyanwa kutunyelwe izitampu zehalufa ze 6d.

Kukwako no Guqulo lwase Ngcobo lwe Testamente (ene Vangeli ka Mateyu), kurolwa 4d ngenewadi enye, 3s 6d nge dazini yazo (akurolwa nto nge posi).

Kuyaziswa okokuba amapepa e Mvo anokufumaueka kwezindawo :—E Monti, atengiswa ngu Mr A W FISCHER okulamzi ubufudula ungowo Beet Bros. ; e Kimberley, atengiswa ngu WILLIAM S MPUPA, Box 306, Kimberley.

Bonke abafuna i Almanaki ka 1897, bangatumela izitampu ze 6d., kuseko ezikoyo.

NGOLWESINE, AUGUST 26,1897.


### Sir M. Bhownagree, M.P.

PAKATI kwamawonga abajiswe ngawo abantu nge Dyibili, sibalula elika Sir M. BHOWNAGREE, M.P., inene elingum Indiya otyebe kunene, omele i North-Eist Bethnal Green kwi Palamente ya Pesheya. Elinene, nangani lingafaniyo no kumkanikazi ngebala, lifakwe e Palamente ngabantu abamhlope. Lendawo yokuba elolunye uhlanga—nohlanga iloloyisiweyo ukuze lubepantsi kwama-Ngesi —ayixamesanga ukuba angalifumani iwonga elinqwenelekayo elinikwa ngu kumkanikazi. Lento mayibe sifundo kwiqela apa labadali bezipitipiti abantsundu kwelilizwe, ekubuleleka ukuba bengena mpembelelo, abazamela ukuzikokelisa kwezaso lizwini, nezentlalo, nezombuso, ababinqele ukuta umoya kwabantsundu, wokuba umntu lo omhlope ehamba nje akangeze amenzele into entle ontsundu, ngesisizatu sebala sodwa. Lomfundiso injalo inohlalu pakati, engati inyanzelwe kwingqimba ngengqimba ezinobudenge, ingaze yapeza ukwenzakalisa —kwakamsinyane. Kodwa bona Abamhlope ukumpata kwabo umntu onjengoSirM. BHOWNAGREE, onyuswe zimfaneleko nayingqondo yake, bampete ngohlobo esinga bangatabata kulo isifundo abantu bakowetu, baye kwenza kwalonto nabo, Tina apa sipakati kwentlanga ezininzi, saye simelwe kuhlala nokuhamba, nokupila pakati kwabantu esingalinganiyo nabo ngezinto. Elona qinga lelokuba sisuke sihlale kakuhle, sayamane ngamacala, kungabiko kete kubani, sibeke ngalondlela sinceda wonke umhlambi kunye. Oluqekeko lwala magcudwana yimfeketo yobudunge, U Sir M. BHOWNAGREE ebesenzela omnye indaba kutshanje, exela ukucasa kwake intshukumo etile e Indiya, eqalwe ngamadodana akowabo, azama ukuwandisa umhlantla okoyo pakati kwabamhlope nabantsundu. Uyiteta kakulu into yokuba netyala kwaNtlanganiso enkulu yesizwe sama Indiya ngezipitipiti zase Buna. Ute kumntu abeteta naye; — "Kuleminyaka ilishumi igqitileyo lentlanganiso yonakalise kakulu e Indiya. Iwutwabulule umhlantla okoyo pakati ko Rulumente nabantsundu. Eyonanto baqogene ngayo Abantsundu kukuketa amadlala ekuqubeni kuka Rulumente, baze ke bahambe be-hlwayela umoya wokunganeliswa. Ayitsho ukuti imele ukudala imbambano pakati kwezintlanga mbini; kodwa indlela zayo zezokugubulula umoya ornbi, ode wasuke watyatyamba wabonakala ngezimfazwe; ukuba abanqandwanga basaya kwenza umonakalo omkulu kunalo," U Sir M. BHOWNAGREE, njengoko sesitshilo, ujizwe ngewonga ngale Dyibili, ube yindlalifa kubutyebi obukulu e Indiya, wabucita kunene ngokunceda imisebenzi emihle e Indiya nase Ngilane. Watunyilwa e Palamente nge 1895, woyisa u Mr. GEORGE HOWELL.

### Amare Emfazwe.

INCWADI zocingo ezivela e Kapa zipakamisa amare emfazwe kwelama Mfengu. Lonto yalata ukuba abantu abapantsi, abatanda ukubambanisa u Rulumeni nabantsundu, haze bafumane incite yemfazwe nefama, sebe yawaqalile. Umzi siwuvusa bukali ngalonto, mawuyipelise. Ituba namhla kubonwa intlungu eviwa ngabantu ngalembubo yenkomo, sekusitiwa bacinga ukubinza ku Rulumeni. Siyazi ukuba akuko nto injalo, esinosizi ukuba u Rulumeni abe nobuyata bokubonisa ukungati uyakolwa naye yilonte kuba kusekusitiwa selekaulezise ama Qakamba ukuba abuye kwelaba Hlambeli. Sibazi kakuhle abantu bakowetu ngangokuba siti yonke lento ayifuneki nganto, ngati yeyokuxokonxa nje inkatazo ukuze abantu bapulukane nemihlaba yabo ibe zifama zamaxigxa. Into efunekayo lunyamezelo notantamiso ku Rulumeni ngelixesha lenzima yokufa kwenkomo. Nabantu mabangavumi ukuba benziwe izihiba ngabelungwana abangento, babanike ituba lokuduba ilizwe ngenteto ezinje. Singavuya amawetu ase Transkei eyipikisile lento emapepeni kwangoku ukuze ehle amapapu abantu.

### ihambo ye Ruluneli.

UMZI kweli uvuyiswe kunene kukuva ukuba i Ruluneli yawo Umhle u Sir ALFRED MILNER uya kuvelela eli lose Maxoseni ngeveki ezayo, Senga angaba noluto aya kulufunda.

### Onobhala e Qonce.

UMZI wase Qonce uyakuvuya kuba u lion. P. H. FAURE eyakudibana naba ngumlomo wawo ngomcimbi obuwukataza wokuqawulwa kwawo kwi mantyi ezinjengo Mr. DICK no Mr. VERIIY no Mr. KING unikelwe konobhala. Ixesha lelokutyelela ko Mpatiswa Lulimo ne Ruluneli ngolwesi Hlanu lweveki ezayo.

### Indaba ze Veki.

IVEKI le ivele nezokusitela kwe Nkosi u Sigidi yase Dutywa.

O MESSRS. BAKER, BAKER & Co., badwelise inxalenye yempahla yabo entsha kwibala labo kakadeni lezaziso.

IZIQINGATA zise Cradock nesase Bofolo ziwalwe kuleveki nkuba kungahambi zinqwelo ngenxa ka Landipasi.

KUTSHE ngumlilo e Rode, ngo Mgqibelo ogqitileyo, umntwana wakwa Mpu. Akapila xesha.

SILUSIZI ukuva ukuba u Mr. Diessel Tshazibana, owayeke ekule ofisi, utatyatwe yicesina ngolwesi Hlanu e Johannesburg.

AMAPEPA okucela abantu bokungana kumnyadala wonyulo lwe President yase Transvaal afuneka etunyelewe ngosuke lwe 20 ku November, unyulo loqala nge 3 January kude kube yi 5 February.

INYALA lihlakazwe yi *Argus* yase Kapa eti intloko ka Luka Jantje, enye ye Nkosi yaba Hlambeli ebezisilwa inqunyulwe yapekwa ukakayi lwatengiswa nge £5. Lento iwupitizelisile umzi omhlope, kuyapandwa.

UCINGO lwamanzi luka Reuter luti kubube u Sir William Jervois, umfo obalulekileyo wediniso, owati kwiminyaka emashumi amatatu egqitileyo, wasebenza kweli emkosini ayi nkosana. Nge 1875 waba yi Ruluneli yase South Australia, nase New Zealand.

SIFUMANA ukuba u Mr. J. Rose-Innes, obepume kwi Ofisi ye Mcimbi epatelele kubantsundu, okwangoku ubambele u Mr. Stanford ekongameleni imicimbi enabantsundu. Asinto ike ifumane ibeko ukuti umntu epumile emsebenzini abe esabambela. U Mr. Stanford siva kusitiwa usakangela imicimbi etile e Bechuana.

AMANANI amakulu ekrikiti axelwa e England, kwi match enkulu pakati kwe Surrey ne Hampshire, mhla into zo Abel no Brockwell zenza 379 zombini kusafe wamnye, baba ke ngoko bayidlule intyunkula eyenziwa ngo J. T. Brown no Tunnicliffe be Yorkshire, oko yayiqubisene ne Sussex, baba benza awona manani makulu ake enziwa ehlabatini.

UMBHALELI wakwa Gaga uti: " Kuko ipepa apa livela kumanene ase Qonce. Kulungile ukuba amapepa endaba abe mabini? Akungelunge yini ukuba kwandiswe IMVO kunokuba kwenziwe elinye? Kum lento yelipepa ngati ayisokulunga kuba asikabi namalungelo okuxasa amapepa amabini. Lakupela elinye." Sinezinye incwadi ezifikileyo, inkoliso izezesiqu so Mhleli, ngale ntshukumo.

U MR. EVAN SPICER, J.P., L.C,C., ongumtunywa we Ronoskapu yase London, wokuza e South Africa nase Madagascar, udlule kulomzi ngeveki epelileyo esuka e Lovedale esiya e Mafeking. Uwubuke kakulu umsebenzi oqutywayo ngu Dr. Stewart nabancedisana naye e Lovedale apo. U Mr. Spicer lowo ngomnye womzi wo Messrs. Spicer & Sons, wokwenza amapepa, into anayo kukulangazelela ukuba kwande intlalo entle eluntwini ngokusebenza ngezikolo.

SIVUYILE sakuva ukuba abemi ababaluleke kakulu be Koloni, u Mr. no Mrs. Cronwright-Schreiner, babuyela kwase Koloni apa ngalenyanga siyipeteyo, emva kokuba behleli ixesha elide e Yuropu, bade bake baya nase Italy.
Malunga nepepa le Mvo leveki ye Jubili, esasingatsho ukuti lingenza udaba, u Mr. Cronwright-Schreiner, uti: " Laba lihls kakulu ipepa lako le Jubili. Ndilitumele kumhlobo wam, ndayaleza isicelo sokuba libonisiwe Inkosazana." Lenteto besingalindele ukuti ingade ibentle ngoluhlobo, ipuma e Ngilane pipipi.

U RULUMENTE ukwaba kwake ababanjwa bemfazwe uhamba nemigaqo engekude ebukobokeni. Abobantu bafanelwe, okanye abafanelwe kohlwaywa komkulu, kona ukuti lingatetwanga ityala labo basuke banyanzelelwe ekubeni basebenze, mhlaumbi benga tandile ngokwabo lonto ayinganeno ebukobokeni. Kutiwa ixesha abobotshelwa lona yiminyaka emihlanu, umvuzo woba lishumi lesheleni ngenyanga endodeni kwintanga elula, ngapandle kokudla nendawo yokulala. Kutiwa inxenye yabo bawuqelile umsebenzi wobufama, inxenye ngababexeshi benqwelo abawuqelileyo lomsebenzi.

IZIHLOBO ezininzi zika Sir George Grey zoba lusizi ukuva ukuba ukumka kostemele e London umke esifa kakulu. Kumgcobo obukwi Hotel Cecil, abekuwo u Mr. Seddon, inkulu yombuso wase i New Zealand, into eyaba buhlungu kukufika kombuliso ovela ku Sir George Grey, obesandukuhanjelwa ngu Mr. Seddon kwi yure ezimbini pambi koko. U Sir George ufa kak'ulu, kanjalo u Mr. Seddonuteunoloyikolokungati ubom balomnumzana obuluncedo buya asondela , esipelweni ngokakaulezileyo. Oludaba luvela kwigora elikulu lase New Zealand elibe linomoya wotando lokutanda uluntu, abelubonakalalisa kuzo zonke imini zentlalo yake yokukonza umzi.

OMNYE wababantu Bantsundu bahambe bezenza abafundisi, abangumkuhlane e South Africa, ebese nkatazweni e Mgungundlovu, lutsho ucingo: Umfo ontsundu, oqale elunyaweni wayakupuma entloko ele kwezobufundisi, ebemangalelwe ematyaleni ngobuvila nokuraneleka. U Inspector Agnew ute lomntu unentsuku ezine ekutshiwe etolongweni, akubon'ukuba ebeke wabanjwa inyanga ezintandatu ngokufumana imali ngobusela. Pambi koko ugqibe iminyaka esixenxe ngokuqekeza indlu. Soloke ate wakululwa ujikeleza kwizindlu zama Xosa zokutya, ehamba esenza imitandazo, ati emva komtandazo akongozele imali ngomnqwazi, ayekuyisela. Ugwetyelwe ukuba ahlale iveki etolongweni.

### Amacapaza e Qonce

[NGU MAKWEKWETE ]

*Indaba yintonina ?*
Kukuba kunzima pantsi kobukumkani buka Landipasi kulomzi. Amadoda apukelwa yimisimelelo yesonka, ayapungulwa ezitoreni ngetuba lokucuteka komsebenzi ngenxa yokukuvalwa. Kulukuni, kwaye kungati kuseza kuba nzima. Batioi aba Priste bomzi ?

Kukuba: Sebefanisa, bati inzima ezikoyo nezibonakala emnyango ngati kupendulwa umtandazo womfundisi apa wohlanga owati yena: "uwucelela imbandezelo umzi." Uvakele esitsho omnye u "nomgcana" engenalusini konkena ngalonto.

Kukuba: Ezinye ingqondi ziti umoyana wokucasa uqapulo uhlwayelwa ngabangena zinkomo, edolopini nangapandle! Kekaloku imbongi u Bramesha ubesakuti :

" Inqayi iba nqayi kwabanenkomo, Kwabangena nkomo ibasitshanguba."

Baqale ninina ukuviwa abangena nkomo? U Mr. Gubesa Macwela ungoweqela labe zitshanguba na naye?

Kukuba: Ngenye imini kubonwe ngentombazana indlandlanteka esitilatweni emini, ibbnga ngokwesilo ikala ngo John kupela; abaziyo bate iyawatshayisiwe yidyongwana. Asazi u Yohane (St. John) angatinina eke wafika igama lake selilelabatshayisi, intwazana zibbnga ngalo ezitalatweni!

Kukuba: Kwiveki engapaya bekuko i Netevu ebigula, eteyakusiwa e Hospatala u Gqira akavuma ukuyamkela, esiti umntu selehlalele ukuqauka. Umpe iyeza, bamgodusa, kwasa ebuba ngemini elandelayo. Kekaloku bafuna ukwazi ukuba "lisikona kwa Gqirashe ukumala umntu ukuba selezakuqauka?"

Kukuba: Amadoda axokozela kamnandi edinaleni kwelinye Ikaya ngokugaleleka kwe " New woman " kumzi ontsundu, kwakuvakala udaba lokupumelela kwameledi antsundu kwi Matric. Bayete! Siyabulisa kulomanenekazi. Upina "Sokadala?"

Kukuba: Ityala letyipu labafo base Kei Road ebelitetwa kwi gantolo ye Mantyi (Resident Mag'State Court) libange intsini eninzi ebandla. Bekuko umfo obebambe omnye ngobusela benkunku yake, Ngokusuke u " Sonkuku " aqubisane nedinala ebinenyamana yenkuku embizeni ebisendlwini yombanjwa, ate akuva ilungu lalonyama waqiniseka ukuba yilo nkuku yake.

Pakati kwenteto ehlekise kunene ka ndimangele ubuzwe ukuba ibiyinkuku nina leyo yake, wati " ibiyimazi." Uyibone ngani ukuba yiyo? Ute : " Ndiyibone enyameni leyo (ebivutiwe !) ukuba yilomazi yam ''-(gquzu ibandla yintsini). Ungawahlulana amatambo emazi ye nkuku kwamanye? Ute: "Hai." Yaqin' inqawe emva koko; waba uyakululeka " umdlankuku."

Kukuba: Impi yakwa Buluneli ite qb iyapuma kwi Dyeputa yamanqukwala, kwanda ingxande kweso sikolo, buyapela ubukumkani bamanqugwala. Noko ke zingxande apa ze "modolo" ezikolwa lilanga lika Qilo kuba iti imvula yakuquba ziti budlu, bixi, kahla udaka; kodwa kuhle, yinqubela, umzi wenza osenokukwenza.

Kukuba: Isikolo semini e Tshatshi (St. Chad's) sesinexeshana sivuliwe, ekumandi ukuti sisaquba. Kufundisa u Miss Maria Mangcu okade equba kulo msebenzi wokuvula ingqondwana zo "nkilintyi." Kuyakuba mnandi ukumana kuvakala ukuba siya siqina isikolo siqubela pambili.

Kukuba: ukubako kwamajoni apa kwenze ukulunga okutile emzini. Amabubusi namayeyeye olutsha abepete ubukosi ebusuku ezitalatweni ngati asadambile, no "nqiyase" abebekatazela e Bleybara ebusuku ndibagqibele bengasayi ngelituba. Kuko ukuzola okungatiwa o rooibatyi bayabubotoza ubuhilihili ebusuku *ngenxenye* kubangobusuku bo Mvulo ogqitileyo bajajulise enye intombazana, yasinda ngokuzilela e Mission House e Leopold Street.

Kukuba : i Netevu eziqesha izindlu, zezizimele zimke zingayihlaulanga i Rent, zisisibeto esikulu kumawazo. Ngelituba izindlu ziyabandezwa etawuni kwabantsundu, usuke umlungu atete ngonotshe ukuba abuye aqeshisele um Xosa. Kususela kwinamhla abantu bapikele ukuwonela umzi ezitawuni. Mabazi ukuba ngokona komntu omnye seyisuke indlu emnyama yonke kutiwe ingaboni.

Kukuba: umzi ubuye wafumana ubabalo emehlweni ka Rulumeni ngokwakelwa indlu yokulinda e Stishini; kuloko ngumnquba ekungalala amatongora odwa kuwo, kuba igalelwe uhlalutye pantsi, yabe iyimpengempenge eminyango mikulu ingenazingcango, eti imimoya yomine yezulu ivutele ngokutanda ngapakati. Sekuntsuku yakiwe' kodwa umzi awuteni yiyo.


U MR. W. O. CARTER wase Qonce unga angazisa abahlobo bake abaninzi kwabantundu ukuba akaaenanto nevenkile apa engakwa Pascoe; kodwa xa bamfunayo, ukuba abamele nanton'na, njengo kwangapambili, banokumfumana kwi stora esisemva komzi ka Mr. Hilner, wentsimbi zamaxesha.—ADV


### Ileta ku Mhleli.

ULWALUKO.

NKOSI YAM, — Kaundivumele ndipendule kulenteto ka Mr. Ntsimango ngamasiko, nditi yintonina sisukela abafundisi nakwinto engekona pambi kwabo? Anditsbo ukuti bangefakwe kwizinto ezicacileyo ukuba bezi pambi kwabo xa bezingeko pambi kwabo. Lento nditi ayiko pambi kwabo ndenziwa kukuba abantwana ngabetu, kufanele tina ukuba sibafungise ezindlwini zetu, sibatandazele sibize abamelwana betu sitandaze kunye nabo pezu kwabo, ngenxa yelisiko. Siti abafanele ukumgxota umotwana ngokwakupula umteto wetu, ikuti lento kuba abantwana bondliwa siti xa balenzileyo elisiko. Abafundisi abafanelwe kukupa uyise xa umntana angasikwanga nguye, ofanelwe kukutshwa ngumntu owalukileyo, kuba nguye owenza isono. Mandiyeke Mhleli nabalesi bake.—Ndim owako,

F. A. KONA.

NGOGUQULO LWE BHAIBHILE.

MHLELI, — Kuko amageisa oguqulo amana ukuvela etshona kwelopepa lako. Ndifuna ukuba ake andipe inguqulo eya kwanelisa, kwabase Tesalonika II: 2, Nantsi kambe esendinayo:—

1. Ngokuba imfihlakalo yenkohlakalo isel' isebenza, kodwa obambayo kaloku nje womana ukwenjenjalo ade asuswe.
2. Ngokuba yona imfihlakalo yokukohlakala isel' isebeuza: kuko kodwa ombambayo ngoku ade asuswe endleleni,
3. Kuba imfihlelo yokungabi namteto isel' isebenza, isebenze kodwa ade lowo umbambezelayo ngoku asuswe esazulwini.
4. For the mystery of iniquity doth already work only he who now letteth will let, until he be taken out of the way.
5. For the mystery of lawlessness doth already work; only there is one that restraineth now, until he be taken out of the way.
6. For the mystery of lawlessness doth already work, only until he that now hindereth be taken out of the way.

No. 1, loluka Appleyard lwe 1853; No. 2 lukwa lolwake, walwenza akuva ehlatywa zezinye inkuuzi ngo 1864; No. 3 lolu lukalalwa kangaka ngabakwa Appleyard ; No. 4, oludala lwama Ngesi; Ko. 5 olutsha lwama Ngesi; No. 6, lolwegc'isa lase Tshatshi u Dean Alford.
Kanisipe olungayikuba nokukalalwa. Ize nitsho ngubanina, yintonina le " mystery of lawlessness," engubanina lo " that now hindereth." Kanene, manditi ku No, 4, u let not letteth " sisi Ngesi esidala, esiteta ukutintela.

OLINDELE IMPENDULO

ULWALUKO.

NKOSI,—Ndingomnye waba???????ngu pezu komcimbi wolwaluko, ' Ngoko akuva ukwanda kwelisiko . nnaua ecmga ukuba kungenziwa nin???????? njiswa kwalo. Mawetu, ndilusizi ukuswela ixesha lokukupa ezam izimvo ngalomcimbi ulusizi, nomelwe ukusngatwa ngamawetu afuna ukusindisa uhlanga, kodwa ndiyaknzama ukupala ndisopa ndisenza amabala "engwe." Indawo yokuqala andivani nabahlobo bam abati elisiko malicelelwe umteto ku Rulumente bohlwaywe abenzi abapuli bawo ; ngati kum kugabadela oko. Elam nditi, maninzi amadodana alicasileyo elisiko, makadibane abe yimbumba nje ngawase Ncemera, makaxele ama Tempile ahambe elilwa elisiko. Makudibano zonke iramente ukuba zenze amacebo okulipelisa "ezikolweni" Lomcimbi kum awunzima kangangokuba ucelelwe umteto ku Rulumeni uzokuba bunzima kumawetu abomvu nekusemnyama kuwo ngezizinto. Yonke lento kum ifuna *izikutali ukuviwana nomoya omhle* kumawetu; sanela ukufikeleia qha kumacebo amahle, afike aswele abenzi, sifike sizibone nengozi eziza pezu kwetu kwa nendlela zokupumelela, kodwa kusweleke abasebenzi. Nakuyikangela lendawo nakufumana kulapo into zetu ezilungileyo zifa kona; masiyeke ukuteta futi singenzi. Kaukangele kwindawo ezimbalwa kwimigudu yexeshana eyenziwa yinto ka John Mahali (Mbulu), no Jas. Ndungane (Lutuli), bafumana amaqela amadodana angazange alenze elisiko ukuba zonke ititshala bezinjalo zenze umanyano nabafundisi, bakokeli, neramente, lento ngeyafayo, ke ngoko mawetu nditi elam hlanganani ngomoya omhle kwindawo ngendawo neuze konke okusemandleni enu ukulwa elisiko limdaka, limasikizi nelingasekeke ntweni. Ngalinye, kuhle emtetweui, pumani umkosi we Nkosi nje ngama Tempile, yaye i Nkosi yobanani.

INYFSHU YENKONKOBE.

ISICELO ESIXAKILEYO.

MHLELI,—Kawufake apo epepeni lomzi ontsundu. Mayela neveki epelileyo sifumene inkita yezicelo ezivela kumninawe we Mvo. Tina sake seva Kutiwa kuza o Soga nabanye ukuza kwandlala lonto, asizange sibabone, asiva nto; sibone ngesi sicelo sento eseyitiwe Ke mzindini ningabantu abanovelona, nokuba niyawazina Amangqika pofu ngati kuko no Mngqika nje ngowalipina iziko, lento kuqutywa ngalendlela eko? Nguye nje! andikolwa. Ukutsho mzi use tawuni nditi makuvelwane kaloku njengesizwe, nibona njanina xa nicela kuti mapandle imali namagama etu, xa intliziyo zinje ukuba buhlungu sesisifo sippkati komzi, noluqapulo lomsebenzi ungaka ukubonisa amawetu ati inkomo ziyatakatwa. Tina sibe silinde iziqamo ezinjenge harnes, nezwi lenu mzi elibonisa apo kukona ukupila. Lento ke isisiqelo kuni mzi ofundileyo, asikayiboni neyeza nawayewelile amakwenkwe ebekwa kuti mzi ngalamakwenkwe afundileyo. Kangelani kuma Jamani ase tawuni nangapandle ukunyusana kwawo. nipinanina? Elilizwi liti, niyasivelana hjonge ezondawo zonke. Sinomzi onini ose tawuni ofanele ukuba luncedo emzini; nezincwadi zesicelo senu azihambanga kakuhle zonke, zibe nemposiso engenye kwakumbhali wazo. Lomfana ungumninawe we Mvo makapume emini kakuhle kwamkuluwe wake, apume esaziwa kutetwa, ukuze angebi abantu bomnye umzi aze abazuze ngesoya sake. Umzi ositi nakuwudela ; ukuti ningawa— zisi, ize ningawuveli. Ukutsho xa sekuko imipefumlo ekutshwe yilembubho ikoyo nibe kokona nibazisela izicelo zamagama nemali; tina imali ivela ngenkuni, ingca, imveliso yokulima kwetu nenkomo, Zikona e Qonce ezonto, ukona nje wena? Make ndiyeke. Ngu Mbombo lowo, nakuba ingaseko inkabi leyo, siseko tina bantu bakulo nkabi. Bota ke Mhleli.

ALEX. MABONA.
Kwa Hleke. 23 August, 1897.

### UHAMBO LWE RULUNELI.

Kwi Bhotwe, e Kapa,
19 August, 1897.

NKOSI,—Kusabekelelwe okokuba iya kwenjenje ihambo yo Mhlekazi (Iruluneli)
30 Aug.—Yonduluka e Kapa.
1 Sept.—Yogaleleka e Monti.
3 ,, —Yonduluka e Monti ibe se Qonce 4 ,, —Yonduluka e Qonce ifikee Lovedale, ilalise kona.
6 ,, —Ibopa e Lovedale ukusinga e Bhofolo.
8 ,, —(Mhlaumbi) yogaleleka e Rini. 10 ,, —Yosuka e Rini lyokuba se Bhai. 13 ,, —Isuka e Bhai ukukumbula e Humansdorp.
16 ,, —Ngolusuku yoba se Knysna.
18 ,, —Ngolu yoba se George.
19 ,, —Namhla yoba se Oudtshoorn. 21 ,, —Yogaleleka e Prince Albert.
22 ,, —Yoba kwi Sitishi sase Prince Albert Road.
23 ,, —Qapu kwase Kapa. & Co Owako otembekileyo.

J. HANBURY WILLIAM S,
Lieutenant-Colonel, Umbhali wemicimbi Engemikosi, Ku Mhleli
We Mvo NELISO LOMZI, e Qonce.


IYEZA ELIBUCQI,

Ndinovuyo ukuti ndifumene ukuba oka Chamberlain Umdambisi Wentlungu liyeza elibugqi kwingqangqambo yamatambo. Ke ndalilinga nase mazinyweni, lasebenza kakuhle. Ndiliyaleza ngokulitemba.
G. F. WALKER, Steynsburg, Cape Colony, Africa.
Litengiswa ngu R. Lumsden & Co., e Qonce.
KUNGANINA ukuba unyamezele intlungu xa i Pain Paint ka MOULTON inokukupilisa? Akuko ntlungu ingena kumashumi amabini. Ipilisa inkqangqa aba yamatambo, intlungu enkulu! ntloko ebuhlungu, izinyo elibuhlung kufuneke, ukwenzakala ukutsba, kukohlela kwane ngqele. Eliyeza likulu isetyenziswa ngapandle nange pakati iya kudamblsa ukudumba, lipilisa ezin lungwini. Litengiswa nge 1s 6d., nge Ibotile kuzo zonke invenkie.—AD,

